basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

IIMVAVANYO ZONYAKA NONYAKA KUZWELONKE 2013
IBANGA 5 IMATHEMATIKA-ISIXHOSA
UVAVANYO

AMANQAKU: 60

IXESHA: 1½ IIYURE

IPHONDO_____

UMMANDLA _____

ISITHILI_____

IGAMA LESIKOLO _____

INOMBOLO YE-EMIS (9 iidijithi)

IBANGA (Umz. 5A) _____

IFANI _____

IGAMA_____

ISINI (✓)

INKWENKWE		INTOMBAZANA	

UMHLA WOKUZALWA

C	C	Y	Y	M	M	D	D

Olu vavanyo lunamaphepha ali-12, ngaphandle koqweqwe.

Imiyalelo kumfundi

1. Funda yonke imiyalelo ngokugqibeleleyo.

2. Umbuzo 1 unemimbuzo eyi 8 eyimibuzo yeempendulo ezikhethwayo ozinikiweyo (multiple choice questions) ezi-6. Biyela unobumba wempendulo echanekileyo.

3. Phendula umbuzo 2 ukuya ku 21 kwisithuba osinikiweyo.

4. Wonke umsebenzi mawenziwe kwiphepha eli lemimbuzo hayi kwiphepha elisecaleni.

5. Amanqaku ewonke angama-60.

6. Eli phepha libhalwa ngeyure eyi 1½ .

7. Utitshala uza kunceda kumbuzo ongumzekelo phambi kokuba uqale umbuzo 1.

8. Akuvumelekanga ukusebenzisa ikhalityuleyitha.

Umbuzo ongumzekelo

Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

8 x 6 =

A   48
B   84
C   72
D   60

Uphendule kakuhle ukuba ubiyele u $\left(\text{A}\right)$ ngasentla.

QAPHELA:

- Uza kuphendula imibuzo emininzi ngolu hlobo ugqiba kuphendula ngalo.
- Yenza kangangoko ukuphendula umbuzo ngamnye nokuba awuqinisekanga.
- Bhala impendulo ocinga ukuba yeyona ichanekileyo uze ugqithele kumbuzo olandelayo.
- Xa ugqibile ukuphendula yonke imibuzo ekwiphepha ngalinye, dlulela kwiphepha elilandelayo.
- Jonga kumsebenzi wakho kuphela.

Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.

1.	Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

    1.1	4 500 ; 4 625 ; 4 750 ; 4 875 ; _____ ; 5 125.

        Inani elishiyiweyo kolu landelelwano lwamanani lungentla li:
        A	4 975

        B	5 000

        C	5 050

        D	5 025	(1)
    1.2	Liliphi inani elenziwa ngala manani:

        6H + 4Th + 2T + 9Tth + 5U?
        A	49 625

        B	94 265

        C	94 562

        D	94 625	(1)
    1.3

        Le milo ingentla ngu …
        A	Cala-ntantathu (*hexagon*).

        B	Nkalo-ntlanu (*pentagon*).

        C	Cala-sixhenxe (*heptagon*).

        D	Cala-sibhozo (*octagon*).	(1)

    1.4	Uphinda-phindo kathathu lwe-12 lwenza:
        A	24

        B	36

C   48

D   12   (1)

1.5

Le objekhthi ingentla ino …
A   buso obumcaba.

B   buso obuligophe.

C   buso obuligophe nobumcaba.

D   ayinabuso.   (1)

1.6   Umgama ukusuka eRhawutini ukuya eKapa li-1 405 lee …

A   milimitha.

B   kilomitha.

C   sentimitha.

D   mitha.   (1)

1.7

Ubunzima beswekile eboniswe kwisikali esingentla ngama-:

A   850 g

B   85 g

C   850 kg

D   805 g   (1)

1.8

Yiyiphi imilo ye-2D kwezi zilandelayo ebonisa umphambili we-3D obhjekhthi ongentla?

A

B

C

D

                                              (1)

2.   Gqibezela:

2.1   Ama-33 754 xa esondezwe kwi-5 esikufutshane ≈
        _____   (1)

2.2   Ama-99 999 xa esondezwe kwi-1 000 elikufutshane ≈
        _____   (1)

3. Bhala phantsi ixabiso ledijithi ekrwelelwe umgca ngaphantsi kuma-2̲73 456.

_____ (1)

4. Endaweni ye * faka **>** , **<** okanye **=** ukwenza inkcazelo(*statement*) elandelayo ibe yinyani:

(1)

$\dfrac{3}{8}$ * $\dfrac{1}{2}$ _____

5. Yeyiphi ifekhtha ye-18 eshiyiweyo kolu ludwe? 1, 2, 3, 4, 6, 18 (1)

_____

6. Iibhola zicwangciswe ngokwamaqela njengoko ziboniswe kule tafile(*table*) ingezantsi. Fakela amanani ashiyiweyo etafileni (*table*).

Amaqela	1	2	3	9	
Inani leebhola	3	5	7		51

(2)

7. Yinyani/Asiyonyani?

7.1   51 + 22 = 22 + 51   _____ (1)

7.2   24 ÷ 5 = 5 ÷ 24   _____ (1)

7.3   3(5 +6) = (3 x 5) + (3 x 6) _____ (1)

8. Bala iimpendulo zemibuzo ukusuka kwi 8.1 – 8.6.

8.1   11 523 + 21 275 + 7 356

(2)

8.2   69 157 - 17 239

(2)

8.3   976 x 54

(3)

8.4   737 ÷ 9

(3)

8.5 $6\frac{1}{7} + 2\frac{2}{7}$

(2)

8.6 $3\frac{3}{5} - 1\frac{1}{5}$

(2)

9.   Ngubani inani elilandelayo kule patheni?

1 ; 3 ; 2 ; 4 ; 3 ; 5 ; ____.   (1)

10.   Zoba iidayagram ezimbini zokuqala kule patheni yeedayagram ilandelayo:

____   ____   (2)

11. UMnu.Mabuzi wamkela ama-R4 200 ngokusebenza iiyure ezingama-60.

Ingaba wamkela malini ngeyure nganye?

(2)

12. Bhala isivakalisi samanani esivulekileyo (*open number sentence*) soku kulandelayo:

Isiphumo samanani amane ngama-20 500. Amanani amathathu ala manani mane ngama-2 341, 578 nama- 10 690. Ngubani inani lesine?

_____ (2)

13. UMnu.Bali uthengele umalungu amane osapho lwakhe amatikiti okuya ekonsathini ngama-R320 lilinye. Ingaba la matikiti mane amdle malini?

(2)

14. Gqibezela le tafile (table):

| Objekhthi	Igama le-objekhthi	Inani leembuso	Amagama eemilo zeembuso
	Iphiramidi (*Square-based pyramid*)		

(3)

15. Zoba iriflekhshini yalo cala-ne (*quadrilateral*) kumgca ochokoziweyo.

(1)

16.

19:10

Bhala ixesha eliboniswe kule wotshi yedijithi ngokwexesha lewotshi yeentsiba (*analogue*).

_____ (1)

17. Sebanzisa olu ludwe lwamaxesha athatyathwe ziimbaleki kukhuphiswano lweembaleki ukuphendula imibuzo elandelayo.

Igama lembaleki	Ixesha elithatyathiweyo
Ayanda	Ama-41:15 emizuzwana
Zikhona	Ama-40:45 emizuzwana
Alizwa	Ama-38:10 emizuzwana
Lindi	Ama-39:40 emizuzwana

Ungakanani umahluko phakathi kwexesha elithatyathwe yimbaleki ephume kuqala nembaleki ephume isine?

(2)

18. Gqibezela: 3 460 mℓ = _____ ℓ _____ mℓ. (2)

19. Jonga kule tshathi yemozulu ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ITSHATHI YEMOZULU

	MVULO	LWESIBINI
eThekwini (*Durban*)	17^0C–9^0C	22^0C–26^0C
eKapa (Cape Town)	11^0C–15^0C	15^0C–17^0C

19.1 Lithini iqondo lobushushu eliphezulu laseDurban ngoMvulo?

_____ (1)

19.2 Lithini iqondo lobushushu eliphantsi laseCape Town ngoLwesibini?

_____ (1)

20. Funda le grafu (*pictograph*) ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

INANA LEEGLASI ZEJUSI EZITHENGISIWEYO

Mvulo	🥛 🥛 🥛
Lwesibini	🥛 🥛 🥛 🥛
Lwesithathu	🥛 🥛 🥛 🥛 🥛
Lwesine	🥛 🥛 🥛 🥛
Lwesihlanu	🥛 🥛 🥛 🥛 🥛
Isikhokelo: enye 🥛 imele i-10 leeglasi zejusi	

20.1 Luluphi usuku ekuthengiswe iiglasi ezininzi zejusi?

_____ (1)

20.2 Zoba iimpawu zethali ezibonisa inani leeglasi zejusi ethengiswe ngoLwesine.

_____ (2)

20.3 Zingaphi iiglasi zejusi ezithengiswe ngoLwesihlanu?

_____ (1)

20.4 Ukuba iglasi enye ixabisa i-R2,00, ingaba kwabhatalwa malini ngeejusi zangoMvulo?

_____ (2)

21. Zingaphi iingxande (rectangles) zizonke kule dayagram?

(2)

Inani leengxande (rectangles)= _____

AMANQAKU EWONKE: **60**